# ULebo nosapho lwakhe

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Jonga umfanekiso ongezantsi. Ucinga ukuba ubali liza kuthetha ngantoni?
2. Xela izinto ezinxitywe yile nkwenkwe esemfanekisweni.



EXTRACT PAGES

Igama lam nguLeo kwaye ndiyakuthanda ukugcina umzimba wam ukhuselekile yonke imihla.
Umzimba wam uyamangalisa. Undinceda ndidlale, ndibaleke, ndixhume, kwaye ndonwabe.

Ngubani igama lalo mfana?




Umakazi wam uyeza namhlanje. Ndiyamthanda kodwa zikhona izinto endingazithandiyo kuye.

Ngubani lo uzayo?


EXTRACT PAGES

Uyathanda ukundincamisa kwaye andiyithandi lo nto!
Umama uthe ndingakwazi ukuthi HAYI ukuba andifuni kwangiwa okanye kuncanyiswa!

Yintoni onelungelo layo xa ungayithandi into?


EXTRACT PAGES

Ndikhetha ukuba kunikwane izihlanu (*high-fives*) okanye sibambane izandla.
Ndiye ndamnika isihlanu endaweni yoko.

Zeziphi ezinye iindlela azikhethileyo uLeo ngaphandle kokuncanyiswa?




Kukho izinto ezenza umzimba wam uzive ukhuselekile zikhona nezenza ndive umzimba wam ungakhuselekanga.

Ukuba ibinguwe ubunokukhetha eyiphi?



EXTRACT PAGES

Ngumzimba wam lo, kwaye ndingumphathi womzimba wam. Akugqithwa kwinto endiyithethayo ngomzimba wam!

Uwukhusela kanjani umzimba wakho?



EXTRACT PAGES


Akukho mntu unokundixelela into ekufuneka ndiyenze ngomzimba wam ngoba umzimba wam undinceda ukuba ndidlale, ndibaleke, ndixhume, kwaye ndonwabe.
Akugqithwa kwinto endiyithethayo ngomzimba wam!

Ngubani onelizwi lokugqibela ngomzimba wakho?



Ndineqela lokhuseleko.
Sonke sineqela lokhuseleko elahlukileyo.
Aba ngabantu endibathembileyo.

Ngoobani abakwiqela lokhuseleko likaLeo?




Ngabantu basekhaya aba.
Ndingabaxelela nantoni na kwaye baya kundikholelwa.

Unabo abantu obathembileyo ebomini bakho?



EXTRACT PAGES

Xa ndiziva ndinexhala, ndisoyika kwaye ndingakhuselekanga, ndibila kakhulu. Isisu sam siba buhlungu kwaye intliziyo yam ngamanye amaxesha ibethe kakhulu. Ezi mvakalelo ziimpawu ezindilumkisa kwangethuba ukuba umzimba wam awukhuselekanga.

Chaza ukuba uziva njani xa umzimba wakho ungakhuselekanga.



EXTRACT PAGES

Ukuba ndiziva ngoluhlobo nangantoni na, kufuneka ndixelele umntu okwiqela lam lokhuseleko ngoko nangoko!
Kufuneka ndibaxelele ukuba ndiziva njani nokuba kutheni ndisiva ngolu hlobo.

Unabo abantu anokubaxelela ukuba uziva njani xa uziva ungakhuselekanga?



EXTRACT PAGES

Phantsi kwempahla yam yokuqubha, kulapho ndifihla khona amalungu am afihlakeleyo.
La malungu abizwa ngokuba ngawangasese ngoba ngawam kwaye ngawam qha.

Cacisa ukuba kutheni umele uwafihle amalungu akho angasese.



EXTRACT PAGES

Akukho mntu uvumelekileyo ukubamba amalungu am afihlakeleyo.
Akukho mntu unokundicela ukuba andibambe amalungu am afihlakeleyo.

Ucinga ukuba ngubani ebomini bakhe ovumelekileyo ukubamba amalungu akhe afihlakeleyo.



EXTRACT PAGES

Akukho mntu uvumelekileyo ukubamba amalungu am afihlakeleyo.
Akukho mntu unokundicela andibambe amalungu am afihlakeleyo.
Ukuba nayiphi na kwezi iyenzeka, kufuneka ndixelele omnye wabantu kwiqela lam lokhuseleko.

Ngoobani aba kufuneka ebaxelele ukuba kwenzenka nayiphi na into?




EXTRACT PAGES

Ukuba andibafumani abantu kwiqela lam lokhuseleko, ndingafowunela inombolo ye-*Child Line* 0800 55 555.
Ukuba ufuna uncedo olukhawulezileyo ungafowunela inombolo i-10111.

Yeyiphi inombolo yoncedo olukhawulezileyo?



EXTRACT PAGES

Ngumzimba wam lo kwaye ngowam. Ndiza kuwugcina ukhuselekile kwaye ndixelele abantu endibathembayo abakwiqela lam lokhuseleko ukuba ndiziva ndingakhuselekanga.



Kufuneka sonke sinabantu esibathembileyo, esiza kuba xelela izinto. Uyavumelana noko okanye hayi?